

Inombolo yefayili: 18/5/1/Masiqhame Trading 1057 CC  
Isalathiso: 20230313-2425

INGcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0004/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli, kwii-ofisi zezithili, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo azo zonke izikolo zikarhulumente ezingekho phantsi kwecandelo 21

**Isihloko: Uku-odolwa kwezinto zokubhala, ezokucoca, ezokusebenza egadini nezombane zizo zonke izikolo ezingekho phantsi kwecandelo-21 ukwenzela unyaka-mali ka-2023/24**

1. Apha kwaziswa izikolo ngethuba lokuqala, ukususela nge-22 Meyi ukuya kwi-02 Juni 2023 loku-odolwa ngekhompyutha, kwezinto zokubhala, ezokucoca, ezokusebenza egadini nezombane ukwenzela ukuba zisetyenziswe ngo-2024.
2. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neSetyhula 0033/2022, yomhla we-19 Septemba 2022.
3. Apha kukhunjuzwa izikolo ukuba isigqibo seSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-WCED) sokuba lisebenzise iikhontraki ezimbini ezahlukeneyo zeminyaka emithathu uku-odola izinto zokubhala, ezokucoca, ezokusebenza egadini nezombane esiphelelwa ngowe-30 Apreli 2024, senziwe neMasiqhame Trading 1057 CC (makufundwe iSetyhula 0025/2021 neSetyhula 0027/2021, zomhla we-20 Meyi nowe-01 Juni 2021 ngokulandelelanayo.)
4. Kubalulekile ukuqaphela ukuba ikhontraki yezinto zokubhala i-BWCED 2875/20, ngokunjalo nekhontraki i-BWCED 2876/20, eyenzelwe ukuthengwa nokuziswa kwezinto zokubhala nezokucoca ngokulandelelanayo inikwe umboneleli-nkonzo ochaziweyo yaye kwangokunjalo iSebe i-WCED liya kwenza ii-odolo zezinto zekhontraki nalo mboneleli-nkonzo kuphela:

Masiqhame Trading 1057 CC  
4 Postern Way  
EDGEMEAD  
Western Cape  
7441

Inombolo yefoni: 021 558 9947  
I-imeyili: masiqhametrading@lantic.net  
Umntu emekuqhagamshelwane naye: Mnu G Daniels

5. Izikhokelo ziya kufakwa kwi-CEMIS ukucacisa ukuba zifakwa yaye zisayinelwe njani na iidolo zemathiriyeli yezinto zokubhala nezokucoca kwikhompyutha.
6. Izikolo zinokwenza ii-odolo zazo ngekhompyutha kuphela zezinto ezidweliswe kwikhathalogu yezinto zokubhala nezokucoca (eqhotyoshelwe apha). Ikhathalogu eziqhotyoshelweyo zisemthethweni unyaka omnye kuphela ukuya kutsho ngowe-30 Apreli 2024.
7. Kucelwa niqaphele ukuba ikhontraki yezinto zokubhala ayizithengisi yaye ayizizisi iikhatriji zokuprinta namaphepha okufotokopa. Ii-ayithem ezingadweliswanga kwiikhathalogu, ziya kuthengwa ngokwahlukeneyo kusetyenziswa inkqubo elandelwayo yokuthengwa kweempahla neenkonzo ngokweekoteshini ezenziwe kwisistim yekhompyutha eyi-*eProcurement Solution*. Izikolo mazingenise iirikhwizishini (iifom i-WCED 026) malunga nalo mba kwi-ofisi yoku-odola yeziXhobo zokuXhasa ukuFunda nokuFundisa (*Learning and Teaching Support Material*) ku-Mnu Bernard Stoffels (kule nombolo yefoni- 021 467 2345 okanye zithunyelwe nge-imeyili apha kulo [Bernard.Stoffels@westerncape.gov.za](mailto:Bernard.Stoffels@westerncape.gov.za)), ungalulanga umhla we-02 Juni 2023 ukuqinisekisa ukuziswa kwazo kwangexesha.
8. Izikolo kuya kufuneka zisebenzise iimali zezabelo zazo ngokwemimiselo nemigangatho (*norms and standards(N&S)*) ukuthenga izinto ezithengwa kuloo ndawo inesikolo (*local purchases*) ukulungiselela ukhulawula zonke iimfuno zazo zezinto zokubhala nezokucoca. Kubaluleke gqitha ke ngoko ukuba izikolo zicwangcise ngobulumko ekwenzeni isigqibo ngeendlela eziya kuzisebenzisa ngazo iimali zezabelo ze-*N&S* zazo ukuqinisekisa ukufumaneka kweemali ezaneleyo zokujongana neemfuno zazo. Ukuncedisa izikolo ngokumalunga noku, imihla yokuziswa kwezinto zokubhala, ii-odolo nexabiso lazo ziya kuqinisekiswa zakuba ii-odolo zikhutshiwe.
9. Ziyakhuthazwa izikolo ukuba zilisebenzise eli thuba ngokuthi zenze i-odolo yazo zonke iimfuno zezinto zokubhala nezinye iimfuno ezichaziweyo ukulungiselela u-2024.

10. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**

**UMHLA:** 2023-04-17